# YIBA NELIZWI

## ISIMEMO SEZIPHAKAMISO ZOLUNTU

## UMTHETHO-SIHLOMELO OSAYILWAYO WENKAMPANI YEZIKHULULO ZEENQWELO-MOYA [B 5 – 2018]

IKomiti yeMicimbi yeSebe lezoThutho imema abantu kunye namahlakani anomdla ukuba angenise izimvo ezibhaliweyo ezimalunga noMthetho-siHlomelo weNkampani yeziKhululo zeeNqwelo-moya [B 5 – 2018]

=UMthetho ufuna ukulungisa uMthetho weNkampani yeziKhululo zeeNqwelo-moya, we-1993, ukwenzela ukufakela kunye nokulungisa iinkcazelo ezithile; ukufakela iinkcazo ezithile endaweni yezithile; ukubonelela ngokutyunjwa kunye nokugatywa kwamalungu eKomiti; ukubonelela ngokushenxiswa esikhundleni kwamalungu eKomiti; ukubonelela ngeentlanganiso zeKomiti; ukulungisa ixesha lokukhutshwa kwemvume; ukubonelela ngezigqibo zeKomiti; ukubonelela ngokusekwa kweKomiti yesiBheno; ukubonelela ngezibheno ngokubhekiselele kwizigqibo zeKomiti; ukubonelela ngokutyunjwa nokugatywa kwamalungu eKomiti yesiBheno; ukubonelela ngokushenxiswa kwamalungu eKomiti yesiBheno; ukubonelela ngamatyala; kunye nokubonelela ngemicimbi enxulumene noko.

Imibuzo, kunye neziphakamiso ezibhaliweyo, zingathunyelwa kwiKomiti yeMicimbi yeSebe lezoThutho (Ingqalelo: kuValerie Carelse), 3rd floor, W/S 3/79, 90 Plein Street, Cape Town 8001, okanye zithunyelwe nge-imeyile ku: vcarelse@parliament.gov.za. Ukongeza kwizimvo ezibhaliweyo, nceda ubonise umdla wakho ngokwenza intetho kwiKomiti.

Umhla wokuvalwa kweziphakamiso ngumhla we-15 kweyoMqungu 2019.

Iikopi zoMthetho zingafumaneka kuValerie Carelse kwinombolo yomnxeba: 021 403 3272, kwinombolo yeselula 083 709 8445 okanye kwisikhundla sonxibelelwano ngekhompyutha sasePalamente www.parliament.gov.za

**Ikhutshwe ngoHloniphekileyo uNks DP Magadzi, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti yeMicimbi yeSebe lezoThutho**

**Parliament. Making Democracy Work.**

www.ayandambanga.co.za ISOLEZWE ISIXHOSA

135210 www.thecandocompany.co.za